INKCAZELO NGOHLAHLO LWABIWO-MALI IPHEPHA LOKU-1

INkqubo yoHlahlo Lwabiwo Mali yoRhulumente weNgingqi/ kaMasipala kunye nesiXeko saseKapa.

UHlahlo Lwabiwo Mali lwesiXeko saseKapa luxwebhu olubalulekileyo kakhulu kuba ludandalazisa izicwangciso zesiXeko ngendlela ekuza kunyuswa ngayo ingxowa-mali nokusetyenziswa kwayo, kunyaka ozayo.

Le nkcazelo ikuchazela ngendlela oorhulumente beenginggi ekufuneka ngokomthetho babandakanye uluntu kwinkqubo yonyaka yoHlahlo Lwabiwo Mali kwakunye nesicwangciso sophuhliso ngokubanzi kusenzelwa isiXeko. Ikwanika neenkcukacha ezizodwa ezimalunga nexesha kwakunye nendawo onokuthi ube yinxalenye yenkqubo yokuseka izinto eziphambili nokubeka iliso malunga nokubonelelwa kweenkonzo ngurhulumente kusenzelwa uluntu.

NDIFUNA UKWAZI
DARE TO KNOW

2 UTHINI UMTHETHO MALUNGA NENDLELA OOMASIPALA ABAQULUNQA NGAYO UHLAHLO LWABIWO-MALI YABO?

Ngokwenkqubo yohlahlo lwabiwo mali yesiXeko, kuthi kuthatyathwe izigqibo malunga nohlobo imali eyingeniso eyenziweyo sisiXeko, eza kwahlulwa hlulwa ngayo ngokwemo nemiba ephathelele kwinkcitho.

Umthetho umisela imimiselo yenkqubo yohlahlo lwabiwo mali elungiselelwe urhulumente wommandla, oku kubandakanya amaxesha okuqosheliswa amisiweyo kunye neendima ezizodwa kunye noxanduva lukaSodolophu, uMphathi wesiXeko, iBhunga kwakunye namanye amaziko karhulumente.

UNYAKA- MALI:

Unyaka-mali karhulumente wengingqi/ kamasipala uqala ngomhla woku-**1 kuJulay**i uphele ngowama-30 kuJuni.

Umzekelo, unyaka-mali ka- ka-2012/13 uqala ngowoku-1 kuJulayi ka-2012.

UMTHETHO KAMASIPALA WOLAWULO LWEZIMALI

UMthetho kaMasipala woLawulo lweziMali (uNombolo 56 ka-2003) ngowona mthetho olawula imiba yezezimali zoomasipala. Ithetha, yaye ibhekisele kwimithombo yengeniso, uhlahlo lwabiwo mali, amatyala, iimfuneko zokwenziwa kwengxelo zezimali, ukuphathwa kakubi kwezimali kunye nendima yooceba, oosodolophu nabanye abathathi nxaxheba abadlala indima ephambili.

NGOWAMA-31 KU-AGASTI

NgokoMthetho kaMasipala woLawulo lweziMali uSodolophu kunyanzelekile athi thaca kwiBhunga ixesha / ithuba elimiselweyo lokulungiselela uhlahlo lwabiwo mali ngomhla wama-31 ku-Agasti ngonyaka ngamnye.[3]

U-AGASTI - NOVEMBA

Phakathi kuka-Agasti noNovemba ngonyaka ngamnye, umasipala uphinde aphonononge isiCwangciso soPhuhliso esiHlanganeyo (i-IDP) kunye nemigaqo-nkqubo yoomasipala kunye nokulungisa nokuyila uhlahlo lwabiwo mali, (Khangela kwicandelo lesi-4 ngezantsi ukufumana ingcaciso eyongezelelweyo nge-IDP).

NGOWE-31 KUMATSHI

Ngowama-31 kuMatshi, iinyanga ezintathu phambi kokuqala konyaka mali omtsha ngowoku-1 kuJulayi, uhlahlo lwabiwo mali oluyilwayo kufuneka lwandlalwe okanye luthiwe thaca kwiBhunga.
UHlahlo lwabiwo mali lonyaka oluyilwayo lubandakanya ingeniso enokubakho nelindelekileyo nenkcitho eqikelelweyo yonyaka mali ozayo.
Olu hlahlo lwabiwo mali luyilwayo lubandakanya ingeniso kunye nenkcitho eqikelelweyo kunyaka-mali ozayo, neminyaka emibini elandelayo. UHlahlo lwabiwo mali oluYilwayo maluthembakale kwakhona lubandakanye lube nengqikelelo yengeniso ezayo ngobunjalo bayo.[4]

U-APRELI

Kamsinya emva kokwandlalwa koHlahlo lwabiwo mali oluyilwayo, kufuneka oku kwazisiwe kukhatshwa ngamaxwebhu ahamba nalo, yaye umasipala kufuneka ameme uluntu / abahlali khon' ukuze baphefumle, baveze izimvo zabo .[5]

U- APRELI - MEYI

UMasipala ulindelekile ngokomthetho ukuba aqwalasele izimvo zoluntu kummandla, eziphathelele kuHlahlo Lwabiwo Mali oluyiliweyo. Ngako oko ngeli thuba (Apreli noMeyi), isiXeko siza kudlana iindlebe, sibambe iintlanganiso zika wonke wonke, sinike abantu ngabanye nombutho ithuba lokufaka ngokubhaliweyo izimvo malunga nohlahlo lwabiwo-Mali oluyiliweyo. IBhunga kufuneka liqwalasele ezi ziphakamiso yaye luhlaziye uhlahlo lwabiwo-mali xa kuyimfuneko.[6]

NGOKU-1 KUJUNI

Ngomhla woku-1 kuJuni (sele kusele inyanga phambi kokuqala konyaka mali omtsha), iBhunga kufuneka livote, livotela ukwamkela uHlahlo Lwabiwo-Mali oluyiliweyo. Xa uhlahlo lwabiwo-mali luthe alwamkelwa liBhunga, uMphathi kaMasipala (Municipal Manager) makaphinde alulungise uhlahlo lwabiwo mali, aze alwandlale njengoxwebhu oluphinde lwaqwalaselwa kwiBhunga, kwisithuba seveki enye.[7]

NGOWAMA- 30 KUJUNI

Umthetho uthi uhlahlo lwabiwo mali lukamasipala malamkelwe ngomhla wama-30 kuJuni (phambi kokuqala konyaka mali kamasipala ngomhla woku-1 kuJulayi) yaye olu hlahlo lwabiwo mali malupapashwe kwiwebhusayithi kamasipala phakathi kweentsuku ezi-5 Luthe lwamkelwa.

NGOWAMA- 30 KUJUNI - 28 JULAYI

IBhunga kufuneka lamkele isiCwangciso sokuMiselwa koHlahlo Lwabiwo Mali loNikezelo ngeeNkonzo (i-SDBIP) phakathi kweentsuku ezingama-28 emva kokuba kwamkelwe uhlahlo lwabiwo mali.[8]

OWOKU-1 KU-AGASTI

IiMvumelwano zokuSebenza ezilungiselelwe abalawuli abaphezulu phaya kumasipala ziyaqukunjelwa kwisithuba senyanga, uqalile unyaka mali (oko kukuthi ngomhla woku-1 ku-Agasti)9 ukuze ezimvumelwano zaziswe kuwonke wonke kwisithuba seentsuku ezili-14 emva kokuba zamkelwe yi-SDBIP.[10]

1 IVELA PHI IMALI YOHLAHLO LWABIWO MALI YASEKAPA?

UHlahlo Lwabiwo Mali likarhulumente wengingqi/ umasipala, lwahlulwe langamacandelo amabini:

	UHLAHLO LWABIWO MALI LOKUSEBENZA KWIMIHLA NGEMIHLA	UHLAHLO LWABIWO MALI OLUYINKUNZI
INKCAZELO	Olu Hlahlo Lwabiwo Mali lulungiselelwe imiba ezindleko zemihla ngemihla.	Eli cala lenkcitho mali kuHlahlo Lwabiwo Mali lubandakanya inkcitho yezinto ezisisigxina.
IMIZEKELO	Imivuzo, ezohambo, usindleko, uqeqesho nezinye iindleko zemihla ngemihla.	Iindlela, izakhiwo, izixhobo zokusebenza, iibhuloro, izindlu, izibane zezitrato, iindleDlana kunye nokugudiswa kweendleDlana zokuhamba ngezitena (paving).
UMTHOMBO	Intlawulo yeenkonzo zobonelelo ngamanzi, uthutho lwenkunkuma, umbane kunye nelindle/ nococeko. Irhafu yePropati. Isibonelelo ngemali esikhulu esivela kurhulumente kazwelonke esaziwa njengeZabelo ngokuLinganayo.	Imali mboleko, izibonelelo ngezimali eziqulathe imiqathango, mali ezo ezivela kurhulumente kazwelonke nowephondo, iindleko zophuhliso kunye nezinye iirhafu ezincinane ezigokelelwe ngoMasipala.

INGENISO: Ingeniso okanye uvimba wobonelelo ngezimali *'apho ivela ikhona imali'*

INKCITHO : Into ethengwa ngohlahlo lwabiwo mali *'into esetyenziselwa yona imali'*

UMZEKELO

Ukuba sijonga icandelo lezempilo, imali esetyenziselwe ukwakha isibhedlele esitsha ibe iza kufunyanwa kuHlahlo Lwabiwo Mali oluyinkunzi, logama imali yokuthenga amayeza ii-ARV okanye ukuhlawula imivuzo yoogqirha yayanyiswe kuHlahlo Lwabiwo Mali lokusebenza kwimihla ngemihla.

① UHLAHLO LWABIWO MALI LOKUSEBENZA KWIMIHLA NGEMIHLA — Iyonke imali yohlahlo lwabiwo mali yaseKapa ngo-2011/12 ngama- **R21.06 BILLION** — Umz. imivuzo, ukusindleka, uqeqesho

Imali eninzi yohlahlo lwabiwo mali lwesiXeko saseKapa ivela kwintlawulo yezombane. Ngonyaka ka-2011/12, i-R8.3 ezigidi-gidi okanye ama-38% (R8.3 billion or 38%) elungiselelwe uhlahlo lwabiwo mali lokusebenza kwimihla ngemihla beluvela kwintlawulo yezombane.

Owona mthombo wesibini omkhulu wezibonelelo ngezimali zokusebenza kwimihla ngemihla, yirhafu yeepropati into leyo enegalelo elizizigidi-gidi ezili-R4.7 okanye ama-22% (R4.7 billion or 22%) zohlahlo lwabiwo mali lokusebenza kwimihla ngemihla. Izigidi-gidi ezi-R1.7 (R1.7 billion) zohlahlo lwabiwo mali lokusebenza kwimihla ngemihla zivela kubonelelo ngemali oluvela kurhulumente kazwelonke nowephondo.

UMTHOMBO WOHLAHLO LWABIWO MALI LOKUSEBENZA KWIMIHLA NGEMIHLA KUNYAKA KA-2011/12[2]

② UHLAHLO LWABIWO-MALI OLUYINKUNZI — Iyonke imali yohlahlo lwabiwo-mali oluyinkunzi lwaseKapa ngo-2011/12 zizigidi ezi **R4.6 BILLION** — Umz. iindlela, izakhiwo, izindlu

Imali eluhlahlo lwabiwo-mali oluyinkunzi ivela kwimithombo yengeniso engundoqo emithathu:

1. Izibonelelo ngezimali ezinemiqathango ezivela kurhulumente wephondo nokazwelonke.
2. Imali ethi ibolekwe sisiXeko (kwiimarike zezimali zabucala okanye kumaziko ezophuhliso).
3. Izimali ezithi zenziwe sisiXeko ngokwaso ngokumisela iintlobo-ntlobo zeerhafu..

Eminye imizekelo yemisebenzi emikhulu yeyokwakhiwa kweziko lokucocwa kwamanzi angcolileyo / amdaka.(waste water treatment).

UVIMBA WOHLAHLO LWABIWO MALI OLUYINKUNZI KUNYAKA 2011/2012

Ngo-2011/12, iKapa lazuza izigidi-gidi ezi-R2.3 (R2.3 billion) imali evela kumasebe karhulumente kazwelonke nawephondo, kusenzelwa uhlahlo lwabiwo mali oluyinkunzi, okanye ama-50% ohlahlo lwabiwo mali lulonke. Ama-32% ohlahlo lwabiwo mali luvela kwimali ebolekiweyo.



3 YINTONI UKWENZIWA KOHLAHLO LWABIWO MALI LETHUBA (ELINGELIDE) ELIPHAKATHI?

Kubalulekile ukwazi ukuba uMzantsi Afrika usebenzisa indlela ethile yohlahlo lwabiwo mali eyaziwa njenge **medium-term expenditure and revenue framework (MTREF)**. Rhoqo ngonyaka xa umasipala epapasha uhlahlo lwabiwo mali, ubonelela ngohlahlo-lwabiwomali lwesithuba seminyaka emithathu. Kambe iBhunga livotela kwaye lamkele amanani onyaka wokuqala kwisicwangciso senkcitho seminyaka emithathu.

Le ndlela ivumela urhulumente ukuba athathe imbono yexesha elingelide, eliphakathi, lokujonga phambili, ngokuphathelele kwiimfuno zezibonelelo/zemithombo kunye nokwenziwa kohlahlo lwabiwo-mali. Kwangelo xesha, ukwamkelwa kohlahlo lwabiwo-mali lonyaka omnye kuthetha ukuthi imali igunyaziselwa kuphela xa kukho ingqiniseko eyongezelelekileyo yobukho bezimali (exhomekeke kwiimeko zesakheko-sezoqoqosho (macro-economic conditions), kunye neemfuno ezizinyanzelo zeenkqubo nenkcitho.

"RHOQO NGONYAKA NGAMNYE XA UMASIPALA EPAPASHA UHLAHLO LWABIWO MALI LONYAKA, UBONELELA NGAMANANI ETHUBA LEMINYAKA EMITHATHU. KAMBE IBHUNGA LIVOTELA YAYE LISAMKELA AMANANI ONYAKA WOKUQALA KWESI SICWANGCISO SEMINYAKA EMITHATHU."

SIQHAGAMSHELANA/SINXIBELELANA NJANI ISICWANGCISO SOPHUHLISO ESIHLANGENEYO (I-IDP) NOHLAHLO LWABIWO-MALI LONYAKA?

Oomasipala banoxanduva malunga nokwenziwa kocwangciso lukamasipala, nto leyo ebandakanya ucwangciso olumalunga nophuhliso lomhlaba, ezoqoqosho kunye nezentlalo kamasipala.

Esona sixhobo singundoqo soomasipala saziwa njengesiCwangciso soPhuhliso esiHlangeneyo (i-IDP). NgokoMthetho ongeeNkqubo zoLawulo lukaMasipala (i-MSA), emva konyulo loomasipala, iBhunga elitsha kufuneka lamkele inkqubo ye-IDP, esisicwangciso seminyaka emihlanu ngenjongo yophuhliso lukamasipala.[11]

UPHUHLISO · LOMHLABA · EZOQOQOSHO NEZENTLALO

4 UHLAHLO LWABIWO MALI LUSEKELWE KWI-IDP, NTO LEYO ETHETHA UKUBA IZINTO EZIPHAMBILI NEZINGUNDOQO EZICHONGWE KWI-IDP KUFUNEKA IBE KWAZIZO EZIPHAMBILI NEZIFUMANA INKXASO NGEZIMALI KUHLAHLO LWABIWO MALI.

IDP
Integrated Development Plan

Ngonyaka ngamnye, IDP kufuneka ivavanywe ngokutsha kwakhona ihlaziywe, oku kusenziwa kunye nokwakhiwa nophuhliso lohlahlo lwabiwo mali.[12]

UHlahlo lwabiwo mali lusekelwe kwi-IDP, nto leyo ethetha ukuba izinto eziphambili nezingundoqo ezichongwe kwi-IDP kufuneka ibe kwazizo eziphambili nezifumana inkxaso kuHlahlo lwabiwo mali. UHlahlo lwabiwo-mali luqinisekisa ukuba iinjongo zobonelelo ngeenkonzo ziqulathwe kwi-IDP yaye zifumana imithombo yezimali efunekayo khon' ukuze kunikezelwe ngoku kuko ngeenkonzo.

Ngomhla woku-1 kuJulayi ka-2007, isiXeko samilisela entsha neyeminyaka emihlanu i-IDP nelungiselelwe ithuba eliqala ngoJulayi ka-2007 ukuya kutsho kuJuni ka-2012, oku kusenzelwa ukwazisa nokukhokela ooCeba. Ngonyaka ngamnye, kunxityelelwana nenkqubo yokuyila uhlahlo lwabiwo mali, isiXeko saqhuba inkqubo yokuqwalasela, yokuvavanya rhoqo ngonyaka le IDP yeminyaka emi-5.

Njengoko ulonyulo loomasipala luqhutywe ngoMeyi ka 2011 kwaze kwangeniswa iBhunga elitsha e-ofisini emva koko, isiXeko sisebenzela ngoku ukuphuhlisa i-IDP yeminyaka emihlanu entsha nedibanisa, iquke iminyaka ka2012/13-2016/17 (ithuba eliqala ngoJulayi ka2012 de kube sekupheleni kukaJuni ngo-2017).

Esi sicwangciso sikhoyo esisiCwangciso soPhuhliso esiHlangeneyo seminyaka emihlanu (i-IDP) sisebenza ukususela

NGOJULAYI KA-2007 DE KUBE NGUJUNI KA-2012

IsiXeko kungoku nje sisebenzela ukwakha nophuhliso olutsha lweminyaka emihlanu i-IDP neza kuquka iminyaka

KA 2012/13 - 2016/17

Ngako oko ekuqaleni kuka 2012 kukho ithuba elibaluleke kakhulu kubemi lokuveza izimvo zabo ukuze bancede ekukhombiseni isiXeko indlela. Kumaxesha amaninzi, isiXeko senza kuphela uvavanyo nohlaziyo ngonyaka lwe-IDP emiyo nekhoyo equka iminyaka emihlanu. Kodwa ebutsheni buka-2012, isiXeko siyile i-IDP xa yiyonke, entsha nequka u 2012/13 ukuya kutsho ngo2016/17.

5 YINTONI ISICWANGCISO SOKUMISELWA KWEENKONZO (I-SDBIP)? YAYE SIBALULEKE NGANTONI?

I-IDP luxwebhu lwezinga eliphezulu nelichaza izinto esifuna ukuzenza, yaye uHlahlo lwabiwo-mali luchaza isixa semali esiza kuzuzwa lisebe kunye nephulo (iprojekthi) ngalinye. Kukwakho nelinye uxwebhu lwesithathu olubalulekileyo olwaziwa njengesiCwangciso soHlahlo lwabiwo-mali sokuMiselwa kweeNkonzo (i-SDBIP), xwebhu olo elisisicwangciso esiphathekayo sokusetyenziswa esineenkcukacha nesichaza ngqo / ncakasana izinto umasipala ajonge ukuzenza, ngexesha elimisiweyo, nemali eyinkcitho eza kuchithwa ekwenzeni loo msebenzi. Umthetho ufuna ukuba i-sdbip ibe namacandelo ama-5:

1. Uqikelelo lweenyanga zonke lwengeniso ekufuneka iqokelelwe ukulungiselela umthombo ngamnye
2. Uqikelelo lwenkcitho yonke (esebenzayo nenkunzi) kunye nengeniso ukulungiselela ivoti nganye
3. Uqikelelo lwekota nganye lokujoliswe kuko kunikezelo lweenkonzo nemiqondiso yendlela yokusebenza ukulungiselela ivoti nganye (kubandakanywa imiqathango engeyiyo eyemali, ekujoliswe kuko ukulungiselela ukuncitshiswa kweenkonzo zesiseko ezisemva kwexesha lokuba zenziwe).(Including non-financial measures, targets for reduction in backlogs of basic services).
4. Ingcaciso yeWodi elungiselelwe inkcitho nokunikezelwa kwenkonzo.
5. Isicwangciso esineenkcukacha semisebenzi yolwakhiwo esahluliweyo liwodi kwisithuba seminyaka emithathu.

Umzekelo, omnye wemigqalisela ekuluhlu kwi-SDBIP ka-2011/12 yile 'Inani lezindlu zangasese (iithoyilethi) ezifakelweyo kumatyotyombe (umgqalisela 2A.2). Ngonyaka kujoliswe ukufakela / ukwakhiwa kweethoyilethi ezingama-2000 ngo-2011.

Oku kujoliswe ukwenziwa ngonyaka kuphinde kwahlula hlulwa ngokweekota ngolu hlobo lulandelayo:

UMHLA	INANI LEETHOYILETHI EZIZA KWAKHIWA
30 SEPT 2011	500
31 DEC 2011	500
31 MAR 2012	500
20 JUNE 2012	500

Source: Cape Town 2011- 2012 SDBIP, pg. 6 & 9

I-SDBIP ibalulekile kuba yenza ukuba sikwazi ukumentesha indlela umasipala aqhuba ngayo ekwenzeni izinto oku kuthelekiswa nobonelelo ngeenkonzo, ngonyaka wohlahlo lwabiwo mali olunikiweyo / olwabiweyo.

USodolophu wesiQeba nguye omakamkele / avume i-SDBIP phakathi kwesithuba sentsuku ezingama-28 emva kokwamkelwa kohlahlo lwabiwo mali. Phakathi kweentsuku ezili-14 yamkelwa / yavunywa i-SDBIP, uqikelelo / uthelekelelo lwengeniso kunye nenkcitho lwenyanga nganye kunye nokujoliswe kuko ngobonelelo ngeenkonzo kunye nemigqalisela yokusebenza njengoko kuchazwe kwi-SDBIP makwaziswe uluntu.

6 SINGATHABATHA NJANI, NANINI INXAXHEBA KWINKQUBO YOHLAHLO LWABIWO MALI SISENZELA ISIXEKO SETHU?

Mabini amathuba okuthabatha inxaxheba koluntu kuyilo nophuhliso lwe-IDP yesiXeko kwakunye nakuHlahlo Lwabiwo-Mali oLuyiliweyo.

Ithuba lokuqala ibe ngoJulayi/Agasti ka2011 xa kubanjwe iintlanganiso zoluntu zikawonke wonke malunga ne-IDP esayilwayo.

Ithuba lesibini lingoMatshi/ Apreli ngo-2012, xa kubanjwe iintlanganiso zokuva izimvo nokuphefumla koluntu ngokuphathelele kuHlahlo Lwabiwo Mali oluYilwayo.

Tyhila iphepha ukuze ubone amanqanaba enkqubo xa kuyilwa/ kuphuhliswa uHlahlo Lwabiwo Mali luka-2012/13 (lonyaka mali oqala ngomhla woku-1 kuJulayi ka2012) kunye ne-IDP entsha elungiselelwe ithuba lika-2012/13 ukuya kutsho ku-2016/17.

7 OKU KUTHETHA UKUTHINI KWIMIBUTHO YASEKUHLALENI (CBOs), NALE INGEKHO PHANTSI KORHULUMENTE (NGOs) NABANYE ABANTU ABANOMDLA?

Umthetho woMzantsi Afrika umisela ukuba umasipala abandakanye uluntu lommandla, abahlali kwinkqubo yohlahlo lwabiwo mali, into leyo ethetha ukuba abahlali mabavunyelwe ukuba babe negalelo / baphefumle ngohlobo imali eqokekelwa ngayo negeerhafu – ezifana nemali eyintlawulelo yobonelelo ngombane namanzi, kunye nerhafu yepropathi – kwakhiwe nendlela esetyenziswa ngayo imali kwimisebenzi eyahlukeneyo neenkqubo kwisixeko jikelele.

Ebutsheni buka-2012 kuvezwe ithuba elilodwa khon' ukuze kwenziwe igalelo lokufaka izimvo kwisicwangciso / kucwangciso olwenziwa sisiXeko KWIMINYAKA EZAYO EMIHLANU, ukuya ku-2017. Phakathi kumaMatshi noMeyi ka-2012 uze uqwalasele izaziso kumaphephandaba, kuvimba-nkcukacha (CCT website) nakwiibhodi zezaziso malunga noyilo lwe-IDP kunye nohlahlo lwabiwo mali. Nawe ungenza igalelo:

- **Ngomlomo / ngokuthetha kwintlanganiso yoluntu**
- **Nge-imeyili usebenzisa idilesi enikwe nguVimba-nkcukacha weCCT**
- **Nge-SMS okanye ifeksi (uvimba-nkcukacha uza kubonelela ngeenkcukacha ezichanekileyo)By SMS or fax (the CCT website will provide the correct contact details)**
- **Ngokuthumela ungeniso lwezimvo ezibhaliweyo okanye ileta kwisiXeko.**

Ekugqibeleni, lwakube lwamkelwe uhlahlo lwabiwo mali lonyaka, umthetho umisela ukuba isiXeko sazise uluntu ngengcaciso nenkcazelo ebalulekileyo emalunga nobonelelo ngeenkonzo. Imibutho yasekuHlaleni naleyo Ingekho phantsi kukaRhulumente (CBOs and NGOs) inakho ukusebenzisa le ngcaciso ukwakhela umkhanyo ikhangela ukuba ingaba isiXeko siyisebenzisa le mali ngohlobo ebesithembise ngalo kusini na kwakhona nokuba iinkonzo zibonelela uluntu ngokwezithembiso na.

Abahlali mabavunyelwe ukuba baphefumle ngendlela yokuqokelelwa kweerhafu – ezifana nentlawulelo yombane namanzi, kunye nerhafu yepropathi – kwakhona nendlela yokusetyenziswa kwemali isetyenziselwa imisebenzi neenkqubo kuso sonke isiXeko.

REFERENCES:

1. City of Cape Town 2011/12 Adjustments Budget and MTREF, pg.19.
2. City of Cape Town 2011/12 Adjustments Budget and MTREF, pg.17.
3. Municipal Finance Management Act (Act 56 of 2003), Section 21.
4. MFMA, Sections 16 and 17.
5. MFMA, Sections 22 & 23.
6. MFMA, Section 23.
7. MFMA, Sections 24 and 25.
8. MFMA, Section 53.
9. Municipal Systems Act (Act 32 of 2000), Section 57.
10. MFMA, Section 53.
11. MSA, Section 25.
12. MSA, Section 34.

Le Nkcazelo imalunga noHlahlo Lwabiwo Mali iqulunqwe ngenkxaso evela kwiZiko elijongene noHlahlo Lwabiwo Mali kunye neeNkqubo zokubekwa phambili (CBPP) ngenkxaso ngemali evela kuThelelwano lweHlabathi ngoHlahlo Lwabiwo Mali lweCBPP.

NDIFUNA UKWAZI
DARE TO KNOW
NDIFUNA UKWAZI
www.nu.org.za
Office 203,
47 on Strand
Strand Street,
Cape Town 8001
021 423 3089

SOCIAL JUSTICE COALITION
Social Justice Coalition
www.sjc.org.za
SHAWCO Centre K2,
G323 Mongezi Road,
Khayelitsha,
Cape Town, 8000
021 361 8160 | 0744178306

ZIBANDAKANYE NENKQUBO YE-IDP NEYOHLAHLO LWABIWO MALI

Le dayagram ingezantsi yandlala amanqanaba enkqubo yokuyilwa koHlahlo Lwabiwo Mali lonyaka ka-2012/13 (unyaka mali oqalisa ngomhla waku-1 kuJulayi 2012) kunye ne-IDP entsha yethuba 2012/13 ukuya ku-2016/17.

2011

UJUNI

Ixesha elimiselweyo lokuyila nokuqulunqa i-IDP (2012/13 – 2016/17) noHlahlo Lwabiwo Mali lika-2012/13 ludandalaziswe kwiBhunga.

IDP

ISICWANGCISO SOPHUHLISO ESIHLANGENEYO

IsiCwangciso soPhuhliso esiHlangeneyo sesona sixhobo siphambili nesingundoqo esilungiselelwe oomasipala. Sandlala okuphambili omakwenziwe ngumasipala ngokobonelelo ngeenkonzo, uhlahlo lwabiwo mali kwakunye notyalo mali kwimisebenzi emikhulu kwisithuba seminyaka emihlanu.

UMTHETHO:

UMTHETHO UMISELA UKUBA KUMISELWE IXESHA UNGAFIKANGA UMHLA WAMA-31 KU-AGASTI.

UJULAYI

UTHATHO NXAXHEBA LOLUNTU LUQALISA KUYILO LWE-IDP

- Ixesha elimiselweyo lupapashwa kwiwebhsayithi, amaphepha asekuhlalen/ engingqi neebhodi zokuxhoma izaziso.
- Uthatho nxaxheba loluntu, amaQonga eeWodi kunye nemibutho yamacandelo.

U-AGASTI

- Izimvo zoluntu zithunyelwa kumaBhungana neeKomiti zeMicimbi yamaSebe.
- IsiXeko sithi sazise ukuba sizifumene. Izimvo ezivela eluntwini..



UJANUWARI

UKUPAPASHWA KWENGXELO YONYAKA KA-2010/11

Ingxelo yoNyaka, yonyaka odlulileyo (2010/11) ithiwa thaca kwiBhunga yaziswe noluntu

2012

UFEBRUWARI

IiKomiti zeMicimbi yamaSebe zihla amahlongwane, ziphonononge iNgxelo yoNyaka zize ziqulunqe zidibanise iNgxelo ephathelene neNdlela yoLawulo ngeNgxelo yoNyaka neyamkelwa liBhunga ukuze yaziswa uluntu.

UMTHETHO:

UMTHETHO UMISELA UKUBA UHLAHLO LWABIWO MALI OLUYILWAYO LUTHIWE THACA NGOWAMA-31 KUMATSHI.

YENZA INTO NGOKU!

I-IDP NOHLAHLO LWABIWO MALI ZIVULELEKILE UKUBA KUPHEFUMLWE NGAZO LULUNTU. HAMBA INTLANGANISO, BHALA ILETA OKANYE UTHUMELE OKUBHALIWEYO. OKONA KUBALULEKILEYO, BANDAKANYEKA KWINKQUBO YONXIBELELWANO YAYE UQINISEKISE UKUBA IZIMVO ZAKHO ZIYEVIWA.

UMEYI

UKWAMKELWA KWE-IDP LIBHUNGA

- Igalelo elivela kuthethwano malunga ne-IDP eyilwayo kunye noHlahlo lwabiwo mali lithunyelwa kumaBhungana kunye neeKomiti zeMicimbi yamaSebe.
- IBhunga kufuneka linike imvume yokugqibela lisamkela i-IDP kunye noHlahlo Lwabiwo Mali ngesindululo phambi kokuqala konyaka mali ngowoku-1 kuJulayi. Oku kubandakanya:
  - Ukumiselwa kweerhafu nemirhumo
  - Ukwamkelwa kweenguqu ezenziwa kwi-IDP nezinye iinkqubo ezidibene nohlahlo lwa biwo mali
  - Ukwamkelwa kweenjongo zeendlela zokusebenza kusenziwa imithombo yengeniso nenkcitho - oku kusenziwa ngokuvotela.



UMTHETHO:

UMTHETHO UMISELA UKUBA IBHUNGA MALIVOTE EKUBENI LIYALWAMKELA NA UHLAHLO LWABIWO MALI NGOMHLA WOKU-1 KUJUNI.

U-APRELI

ISIXEKO SIQHUBA IINKQUBO ZOTHATHO NXAXHEBA KOLUNTU KUMBA WE-IDP & NOWOHLAHLO LWABIWO MALI

- Ikhadi lamanqaku e-IDP/iiNkonzo zeZiko izimvo zoLuntu ngoHlahlo Lwabiwo Mali oku kuyenziwa ngenjongo yokuva Izimvo nokuphefumla koluntu, uhulumente wephondo kwakunye nabathathi nxaxheba abachanekileyo.
- Uthethwano nonxibelelwano noluntu luyenziwa, namaqela anomdla, kunye namaqonga eewodi oku kusenziwa ngonxibelelwano namaBhungana kunye neeKomiti zemiCimbi yamaSebe.
- Amalungu oluntu anokunika izimvo zawo ngokuthumela kwidilesi elungiselelwe oku, imiyalezo nge-SMS, ifeksi, izimvo ezibhaliweyo okanye ngokwenza intetho kwiintlanganiso zeBhungana. Jonga / khangela kwicandelo lokunxibelelana ngewebhsayithi apha ngezantsi.
- IsiXeko sazisa ngokuzifumana izimvo, samkela ze sibonelele ngeempendulo kwizimvo zoluntu ezimalunga noHlahlo Lwabiwo Mali, imirhumo kunye neenkqubo.
- Amasebe achanekileyo makaphendule izimvo okanye ukuchasa okufunyenweyo ngethuba lothethwano kunye nezimvo ezifunyenweyo ngethuba lonxibelelwano noluntu konke oku kuthunyelwa kwiKomiti eququzelela uHlahlo Lwabiwo Mali (i-BSC) kwakunye neKomiti kaSodolophu (Mayco) ukuze iqwalaselwe.

YENZA INTO NGOKU!

FUMANA I-IDP. YIFUNDE KHON' UKUZE WAZI OKUCETYWA NOKUCWANGCISWA SISIXEKO.

UMATSHI

I-IDP EYILWAYO (YEMINYAKA EMI-5 KA-2012/13 UKUYA KU-2016/17) KUNYE HOHLAHLO LOWABIWO MALI OLUYILWAYO LUKA-2012/13 KONKE KUTHIWA THACA PHAMBI KWEBHUNGA

- IsiXeko masazise sipapashe uyilo lwe-IDP kunye noHlahlo Lwabiwo Mali khon' ukuze kuvakaliswe izimvo.
- UHlahlo Lwabiwo Mali oluyilwayo namaxwebhu ahamba nalo, konke kupapashwa kwiwebhsayithi yesiXeko. Jonga / khangela uqhagamshelwano kwicandelo elingezantsi.
- Iikopi ezibhaliweyo zifumaneka kwiilayibrari nakwii-ofisi zeBhunga.
- Izaziso zipapashwa kuwo onke amaphepha oluntu nawommandla.

NGOWOKU-1 KUJULAYI 2012

Uyaqala unyaka mali woHlahlo Lwabiwo Mali ka-2012/13

UJUNI

ULWAMKELO LOKUGQIBELA LOHLAHLO LWABIWO MALI LUKA 2012/13 KUNYE NE-IDP ENTSHA KA-2012/13-2016/17 LWAZISWA ULUNTU



UMTHETHO:

UMTHETHO UMISELA UKUBA IBHUNGA MALAMKELE UHLAHLO LWABIWO MALI NGOWAMA-30 KUJUNI.

IMVUMELWANO YOKUSEBENZA ELUNGISELELWE AMAGOSA APHEZULU KWISIXEKO

- Imvumelwano yendlela yokusebenza yamagosa akwizinga eliphezulu mayinikwe uSodolophu wesiGqeba kwiintsuku ezili-10 emva kokuba IBhunga lamkele i-IDP noHlahlo Lwabiwo Mali yaye kufuneka yamkelwe nguSodolophu wesiGqeba kwiintsuku ezingama-28 emva kokuba ivunyiwe i-IDP noHlahlo Lwabiwo Mali.
- ULuntu luyaziswa ngendlela yokusebenza yamagosa aphezulu kwisiXeko kwintsuku ezili-14 emva kokuba yamkelwe.

NGOJULAYI

ISICWANGCISO SOKUMISELWA KOHLAHLO LWABIWO MALI LOBONELELO NGEENKONZO (I-SDBIP) SIYAMKELWA

USodolophu wesiGqeba wamkela i-SDBIP kwiintsuku ezingama-28 emva kokuba lwamkelwe uhlahlo lwabiwo mali.

I-SDBIP

ISICWANGCISO SOKUMISELWA KOHLAHLO LWABIWO MALI LOBONELELO NGEENKONZO

Sisicwangciso esisebenzayo, esineenkcukacha ezicacileyo nesichaza ngqo / ncakasana iinjongo / izinto umasipala afuna ukuzenza, ixesha nexabiso lenkcitho ekwenzeni ezo zinto. Sikwaqulathe iindlela zokumentesha ubonelelo ngeenkonzo isixeko esiza kunika ingxelo ngazo apha enyakeni.

U-AGASTI

Zonke izishwankathelo zesiGqeba kumaCandelo oLawulo, ii-SDBIP, kunye neziCwangciso zoShishino zifakwa kwiwebhsayithi yesiXeko saseKapa. Khangela icandelo lokufikelela elingezantsi.

UKUFIKELELA NGEWEBHSAYITHI

Much of this information is available on the Cape Town website at **http://www.capetown.gov.za**

Ingcaciso kuhlahlo lwabiwo-mali, i-IDP neSDBIP ifakwe phantsi kwecandelo 'Ucwangciso nokuNikwa kweNgxelo' (cofa ku 'Cwangciso nokuNIkwa kweNgxelo' kweli cala lingasekhohlo lephepha lewebhsayithi).

Ukulungiselela ingcaciso kwinkqubo elungiselelwe uyilo i-IDP elandelayo yowama-2012/13 – 2016/17, cofa click `kwisiCwangciso seminyaka emi-5 sowama 2016-17 kwicala elingasekhohlo, ze ucofe ku 'Cwangciso'.

IDP ekhoyo yowama-2007-2012 – uVavanyo ngokutsha lowama-2011/12 inakho ukufunyanwa kwi:http://www.capetown.gov.za/en/IDP/Documents/CCT_IDP5full_1.pdf

Ukulungiselela ingcaciso yohlahlo lwabiwo-mali, yiya kwi: http://www.capetown.gov.za/en://www.capetown.gov.za/en/Budget/Pages/default.aspxIDP/Documents/SDBIP_BOOK_2011_2012.pdf

Ukufumana iSDBIP entsha, eyngoku(ka-2011/12) yiya: Ku: http://www.capetown.gov.za/en/IDP/Documents/SDBIP_2011_2012.pdf

Ngokwe-MFMA(ICandelo 75) isiXeko kumele sippashe iingxelo zekota, esithi sizibhengeze kuluntuKwiwebhsayithi: http://www.capetown.gov.za/en/IDP/Reporting.aspx

Ingxelo yekota yoku-1 elungiselelwe 2011/12 (ophela ngomhla wama-30 Sept 2011) inakho ukufumaneka kule ndawo ukususela ngoNovemba 2011. **Uvavanyo lwendlela yokusebenza yesiqingatha sonyaka** (ukulungiselela isithuba esiphela ngowama-31 Disemba 2011) inakho ukufumaneka kuwonke-wonke ukususela ngowama-25 kuJanuwari 2012.

NDIFUNA UKWAZI
DARE TO KNOW

NDIFUNA UKWAZI
www.nu.org.za
Office 203,
47 on Strand
Strand Street,
Cape Town 8001
021 423 3089

Social Justice Coalition
www.sjc.org.za
SHAWCO Centre K2,
G323 Mongezi Road,
Khayelitsha,
Cape Town, 8000
021 361 8160 | 0744178306